



Wes-Kaapse Provinsiale Parlement Western Cape Provincial Parliament IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

INKULULEKO YOKUTHETHA

UXWEBHU LWEMIBA 5

UPHENGULULO 1, 5 JULAYI 2016

Inkululeko yokuthetha ifakwe lwicandelo 16 loMgaqo-siseko weSizwe kunye necandelo 26 loMgaqo-siseko weNtshona Koloni kwaye yenye yeemfanelo ezilondolozwa kakhulu nezona zinentsingiselo zePalamente kwaye inakana ilungelo leNdlu kulawulo olungaphaya kweenkqubo zayo. Ivumela aMalungu inkululeko enkulu ekuxoxeni nokuba ngowuphi na umba ophambi kweNdlu kwanokuba kwiintetho zawo adandalazise kwaye agxeke nantoni na acnga ukuba kufuneka idandalaziswe okanye igxekwe. Ngokomthetho le nkululeko ayinakho ukubuzwa nakweyiphi na inkundla yezomthetho okanye indawo engaphandle kwePalamente. Nangona kunjalo, imithetho nezenzo zePalamente ifuna aMalungu ukuba angayixhaphazi le nkululeko kodwa ayisebenzise ngendlela apha isidima nesithozela sePalamente sigcinwa kwaye sikhuselwa ngawo onke amaxesha.

AMalungu kufuneka alungise intetho nezeentetha zawo ukuze zingqamane nemigangatho yokulungela yepalamente. AMalungu akwafuneka abulele ukuba inkululeko yokuthetha yawo kufuneka ngokwemfanelo ingqamane nomgaqo wokuba akanakho ukubeka izizathu ezigwenxa okanye ezingakhiyo, ukungathembeki, ukunyemba okanye ukufuna ukunyaniseka kwamanye aMalungu. Onke aMalungu ngaMalungu ahloniphekileyo kwaye ke ngoko iLungu elihloniphekileyo ngalinye kufuneka liphathe amanye aMalungu ahloniphekileyo kwangembeko enye eliyilindeleyo kwamanye aMalungu.

Izityholo zokuziphatha kakubi ngamnye aMalungu azivumelekanga kwaye maziziswe kwiNdlu ngendlela yesiphakamiso esixhasayo apho isaziso esifanelekileyo siye sanikezelwa. Imfanelo yenkululeko yokuthetha ke ngoko inyinwe kuphela yimithetho yomcimbi kwingxoxo kwanelungelo laMagosa oNgameleyo neNdlu ukuthabatha inyathelo ngakwiLungu elaphula le mithetho.

Ngokwemigaqo yeCandelo 25(1) loMthetho waMagunya, iiMfanelo nokungenaKuchukunyiswa kwePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho zaMaphondo, 2004 (uMthetho 4 ka-2004), umntu, ngaphandle kweLungu, oziva ekhutyekiswe yingxelo okanye intetha eyenziwe liLungu okanye ingqina phambi kweNdlu okanye kwekomiti malunga nomntu lowo, angangenisa isicelo esibhaliweyo kuNobhala ukwenzela ukuba impendulo irekhodwe. Ikomiti eyenyulwe yiPalamente yePhondo iza kuqwalasela isicelo eso kwaye, ukuba siphunyeziwe, kupapashwe impendulo yomntu lowo kwiphepha elifanelekileyo lepalamente.

Qaphela: AMaxwebhu emiba 4 nele 14 ajongana “nokuZiphatha kwiTsheyimba neMithetho yengxoxo-mpikiswano” kunye “noLwimi olungamkelekanga epalamente” ngokulandelelana.